## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Esi sikhokelo sokumakisha silungiselelwe ukuba sibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Esi sikhokelo sokumakisha siza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye loncwadi)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwisikhokelo sokumakisha.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**
   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**
   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.



DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
MARKING GUIDELINE

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA*** **– B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**'UMKHOSI WEMIDAKA' – SEK Mqhayi**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Uphinda phindo sisixhobo sohlalutyo esisetyenziselwa ukubethelela ingcamango ethile nokugxininisa uluvo lwembongi ngeenjongo zokuba luqapheleke, lwamkeleke kananjalo. Uphindaphindo kwesi sibongo lusetyenziselwe ukukhuthaza nokomeleza amajoni omkhosi.

Uphindaphindo lomqolo othi, '**Phakathi!, phambili!'** lukhuthaza ngokwenza amajoni ayibone ngathi ilula into aza kuyenza. Lusebenze ngokuphinda izihlomelo ezinge ziyayalela, zinamandla okuphemba ngaphakathi umlilo wokufuna ukuya emfazweni kumntu ekubhekiswa kuye.

Uphindaphindo lophawu lokukhuza **'Phakathi!, phambili!, Phakathi!, phambili!!'** olude lwalekwe: lusetyenziselwe ukuntyontyela nokudala ihlombe kumkhosi wemidaka/ ukufunza/ukuthunuka/ukuchukumisa uvakalelo lokufuna ukuya emfazweni kuphel'ubugwala.

Uphindaphindo lwesandi 'ji' ku**Niwajij' amaMjiji:** ludala inkuthazo ngomfanekiso ngqondweni umkhosi uzive ulujija utshaba ukuze uluvise kabuhlungu.

Uphindaphindo lwezithethantonye: Kuphindaphindwa amagama athetha into enye njengo '**Nokhulul'** amaFiji, **Nihlangul'** amaGala**, Ninced'** amaBhisiniya'. Isibongo, ngolu phindaphindo siwenza umkhosi uzive unelunda lokwenza okuhle. Lubethelela ukuba injongo yokubasemfazweni kukunceda kwaye ihlale ezingqondweni ingatshitshi msinya kumkhosi ontyontyelwayo.

Uphindaphindo lwezifanokuthi: **Soyivuma** ngemihlali. **Siyivuma** ngemincili: lunenjongo yokukhuthaza ngokuchukumisa into abayifuna bonke- imihlali/uvuyo benombono wabo sele boyisile.

Uphindaphindo lwegama:SingamaBhritani '**SingamaBhritani maan, SingamaBhritani ephelele, SingamaBhritani thina'**. lusetyenziswa ngenjongo yokuvuselela ubuni kumkhosi uzingce/uzidle ukhusele iBhritani oyimeleyo emfazweni.
Uphindaphindo lwegama ingoma, I**ngom' ebhombo, ingom' esinandile** nerhuluwa, ludala isingqi ngezandi zezixhobo zokulwa. Babathatha ngeengcinga ngezandi namahlwahlwa bazive bechukumiseka zizandi zezixhobo zemfazwe zisenza umsebenzi wazo emfazweni, ude umkhosi uzive ngokungathi sele ukule ndawo



X, N NWS PP

yemfazwe usiva izandi zesinandile nerhuluwa.

U **'nibuye'** uphindwe kane, kwaphindwa nesifanokuthi kukhankanywa ngokwahlukileyo izinto amababuye nazo zidala uvuthondaba ukusuka kwixhoba lomhlaba nelenkomo, kunyukele kuye udumo, kudlulele kuloyiso. Kukhuthazwa ukuba bangafeli emfazweni baqinisekise ngokubuya. Uphindaphindo lwegama 'nibuye' luzingile ukuze umkhosi ulwe ungaxhomi/unganikezeli.

Uphindaphindo lwebinzana **Siqabel' iintaba zeMatopo, siqabel' iintaba zamaKenya:** lukhuthaza ngokukhulisa umoya woloyiso ngokuwenza umkhosi ubenomfanekiso wawo usoyisa uqabela intaba nganye.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[10]**

## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

## UMLAMBO – JJR JOLOBE

2.1 Ngumlambo√/Imbongi ithetha egameni lomlambo√ kuba isebenzisa isivumelanisi somntu wokuqala u-ndi.√ (2)

2.2 'Sendimhle, ndimhlophe, ndihlambulukile.'√√ 'Sendiphuma phaya'.√√ (2)

2.3 Unomsebenzi wokuwexula abafundi balo mbongo bahambisane nembongi. √√/ Unomsebenzi wokubethelela/ wokuphuhlisa/ wokugxininisa uluvo lokuba umlambo nguwo oluncedo/ohlamba abantu beziphaluka zonke zawo.√√ (2)

2.4 ... soze, ubone√/imiqolo engamibini iphindwe ngokufanayo.√ lunefuthe lokudala isingqisho.√/ungasoze/ akusoze/Umqolo we-14 nomqolo we-17√/ Lunefuthe lokuqweqwedisela abantu kuluvo lokuba umlambo awunciphi awudinwa. √ /Lifuthe lokugxininisa ukuba umlambo awuphazamiseki√/ lifuthe lokuba umlambo awupheli mandla ekuncedeni abantu.√/ Unceda yonke imihla. √ (2)

2.5 Ndiyangqina sithathwe kumbongonkcazo kuba siyachaza, sichaza indlela umlambo owenzeka ngayo noncedo lwawo kwinto yonke ephilayo.√√ (2)
**[10]**

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

## UNOZAKUZAKU – ZS Qangule

3.1 Yimbongi√/NguZS Qangule√ kuba usebenzisa ijelo elingumntu wesithathu.√ (2)

3.2 'Ukudityaniswa kobulaw' asindlwan' iyanetha.'√√ Xa kuthe qab' unoqolomb' efile nje. √√ (2)

3.3 Sinomsebenzi wokudala umfanekiso ntekelelo√ wabantu abaninzi mhla kufika unozakuzaku.√/Kukufaniswa/√ Kukudala umfanekiso ngqondweni weliso √/ Kukucaciswa√ Kukuthelekiswa√/kuphuhliswa ukuqonda ukuyelelana kwale mini yokubuya kukanozakuzaku nemini ekuhluzwa ngayo utywala. √ (2)



DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01

3.4 Wayi wayi wayi√/ lifuthe lokuzoba umfanekiso wempithizelo yamhla kufika oonozakuzaku. √/ Ifuthe lokuba baya befika ngokufika√/ baye besongezeleka kwelo khaya√ / Ifuthe lokuthontelana kwabantu ekhaya√/ Ifuthe lokuzoba umfanekiso wokufika kwabantu abaninzi ngokukhawuleza√/lunefuthe lokudala isingqisho.√ (2)

3.5 Ndiyangqina sithathwe kumbongonkcazo kuba siyachaza, sichaza indima kanozakuzaku ekwakheni ubuhlobo bobulawu phakathi kwamakhaya amabini.√√ (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

### INTLIZIYO YAM – C Nqakula

4.1 Ngumninintliziyo√/Yimbongi ethetha egameni lomninintliziyo√ Nguye nabani na ofunda lo mbongo. √/Ngumntu onentliziyo.√ kuba isebenzisa isivumelanisi somntu wokuqala u-ndi√/kuba isebenzisa izimnini oo'yam', 'lwam', 'kwam.'√ (2)

4.2 'Umkhonto ololwe walubengu, awubinzi Udale amanxeba afana nawale ntliziyo.'√√ (2)

4.3 Kudala umfanekiso ntekelelo wokuzinga kwezilingo.√√(Kukuqaqambisa/ Kukuphuhlisa ukuzinga kwezilingo/ ukuthi chu kwezilingo. √√ (2)

4.4 Uphindaphindo lwebinzana, 'Intliziyo yam' kumqolo we-9 nowe-10√/ lunefuthe lokudala isingqisho.√/Uphindaphindo lokuchasa olubonakala kwimiqolo ye-9/ /10 nowe-11 /12 lifuthe lokuqaqambisa√/ lokugxininisa/ lokuphuhlisa ukuba intliziyo imenzisa izinto ezimbi nezintle umniniyo. √/ Uphindaphindo lwezandi/ mvano siphelo√/...wam..wam/ isa..isa √ifuthe lokudala isingqisho.√/ Uphindaphindo lwegama..'intliziyo'/ 'yam' √lunika ifuthe lokuxakwa komninintliziyo/ ifuthe lokudala isingqisho. √ (2)

4.5 Ndiyangqina uyisonethi lo mbongo kuba unemiqolo elishumi elinesine.√√/ Ndiyangqina kuba unemvanosiphelo engu abbacddceecc.√√ kuba unekhwatreni ezintathu kunye nekhaphlethi√√/ Kuba inemiqolo esibhozo nemiqolo emithandathu. √√ kuba uneOkthevu nekwatreni nekhaphlethi. √√ (Nayiphi kwezi.)

(2)
**[10]**

**KUNYE**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



X, N NWS PP

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

## UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

## 'INYANISO' – PN Mtintsilana

5.1 Iliyeza kwabalilayo√/Iyathuthuzela√/Ipholisa amanxeba√/Iyasakha isizwe√

(Impendulo mayithathwe kumqolo woku-1 nowesi-2 kuphela.)
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

5.2 Ngumfanekiso ngqondweni weliso√/kuba ngathi siwubona ngeliso lenyama umkhumezelo ophezu kohlaza.√/Ngumfanekiso ngqondweni weliso√ ngathi siyibona ngeliso lenyama imvulana efefayo.√kuba uvuselela imizwa yokubona.√
(Nayiphi kwezi) (2)

5.3 'Inkohlamntu nenkohla.'√√ (2)

5.4 Umntu onenyani ufumana udumo yaye uyagqama kwabo balwa naye.√/
Umntu onenyani unomvuzo wokuphakanyiswa kubabandezeli bakhe.√/
Umntu onenyani uxhaswa ngOnguye avelele njengentab'eZiyoni.√/
Ukuxhaswa kubabandezeli √/ Umntu onenyani uyahlonitshwa ngabantu/ ukunikwa imbeko /uyagqama √
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

5.5 Ndiyaxhasa lwahlukene kuba imbongi inoluvo lokuba inyaniso ilungile xa imncoma umntu onenyaniso kanti abanye abantu bayibona ingenaxabiso xa bemchwethela kude umntu onenyaniso.√√/Ndiyaxhasa lwahlukene kuba imbongi inoluvo lokuba othetha inyaniso uyavuzwa ngeli xesha abanye abantu bebonakalisa ukungabinaxabiso ngokumchila ngelithi ungudiz' amahlebo.√√
(Nayiphi kwezi) **[ Qaphela amacala amabini empendulo]** (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



X, N NWS PP

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### *INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**
Indawo eliqhubeke kuyo ibali, iGcuwa isikhwezele isimo sokuba sisaphulimthetho kuThantaswa ngobu bungqina bulandelayo.

- Ukusekwa kwebali kwidolophu yaseGcuwa eyindawo eliqhubeka kuyo eli bali idlale indima yokukhwezelela uThantaswa ukuba abesisaphulimthetho esivunyiweyo. Iimpawu zezaphulimthetho ezivelileyo kuThantaswa ngenxa yokuhlala kwidolophu yaseGcuwa ziquka ukubangumrhwaphilizi, ukubanesibindi, nokude akwazi ukusebenzisa abantu abasemagunyeni ukuzuza oko akufunayo ukuze abhungce kwingalo yomthetho.
- Ubukho bukagqirha Chirandra kwidolophu yaseGcuwa kukhwezelela uThantaswa ekubeni sisaphulimthetho ngokumnika isizathu sokuzizonda nokuzonda abantu abamngqongileyo. Umchazele ingxaki yokukhawulwa ayibone imthintela ukuba abengumfazi ogqibeleleyo kaMsindisi. Le nto idala inzondo nokukhohlakala kuThantaswa okukhula ngokukhula akuba uMsindisi ecinga ngesithembu ngenxa yengxaki uThantaswa anayo.
- Ubukho bendawo yokuzilolonga kwidolophu yaseGcuwa buphembelela ukuba sisaphulimthetho kuThantaswa. Kuphehla ukuhlangana noMfuneko othi ngamava wakhe akhele umlilo wobukrelekrele bezaphulimthetho kuye ngenxa yenkxaso amnika yona nangenxa yolwazi analo lolwaphulomthetho neenjongo zakhe ezimdaka zokufuna ilifa likaMsindisi. Ikwangamava kaMfuneko okwaphula umthetho nokuphazamisa ingalo yomthetho amkhuthazayo akuva ukuba sele ncede uNompumelelo waphuma etshaya ezinkundleni zamatyala kwityala lokugetyengwa kukaChizama ongumyeni wakhe. Amava kaMfuneko alola uThantaswa ngokuthi kanti uMfuneko unabantu asele ebasebenzisela ukubulala, abangooSixaki abahlala kumatyotyombe aseZamokuhle eGcuwa ukuze kugetyengwe uMsindisi. Ubukho bamatyotyombe aseZamokuhle kwidolophu yaseGcuwa ayamomeleza uThantaswa kulwaphulomthetho ngokuthi uMfuneko adibanise uThantaswa noSiphongo owenze amalinge okuqinisekisa ukuba uThantaswa akazubanjwa. La malinge okubeka imiqobo ukuze bungafumaneki ubungqina bokuba uThantaswa nguye umbulali kaMsindisi.
- Ubukho behlathi laseBika eliseGcuwa bukhwezela ukuba ngumbulali kuThantaswa ngokuthi libeyindawo efihlakeleyo abulawelwa kuyo uMsindisi. Oku likwenza ngokuqinisekisa ukuba uBhanqo akanawo umnxeba wokuqhakamshelana nasikhululo samapolisa. UBhanqo ubuya angazimiseli ukuziveza ukuba ukubonile ukugwintwa kukaMsindisi hleze kufuneke amanukungqina ezinkundleni zamatyala. Ukutshona eqokobheni kukaBhanqo kukhwezelela uThantaswa ekuqhubekeni nolwaphulomthetho xa uMfezeko ephanda engade abafumane ababulali kanti

ngalo ndlela unika uThantaswa ithuba lokungena nzulu kulwaphulomthetho.

- Ubukho besikhululo samapolisa esikwidolophu yaseGcuwa nabo bukhwezele isimo sokuba sisaphulimthetho kuThantaswa kuba sithwele injinga yolwaphulomthetho uMfuneko nehlakani layo uNqoza ebizama ngandlela zonke ukufihla izityholo ezisondela kuThantaswa watsho uThantaswa wazibona enegunya kulwaphulomthetho. Esi sikhululo siphinde salikhonkco phakathi kukaThantaswa noMfuneko ngokuthi uMfuneko abe kuso imipu yokubulala uMsindisi. Kukwakwesi sikhululo samapolisa saseGcuwa apho uMfezeko Mapheza azama ngandlela zonke ukulwa nomthetho kanti kukhona kuzakumkhwezela uThantaswa aye entywila kulwaphulomthetho. Kaloku uyeke konke ngoku uThantaswa usukuzana noMapheza umfuna efile. Ngoku uya esibanobungcali kulwaphulomthetho. Umfunela abantu bokumdlisa, azame ukumtshisa ngovutha encediswa ngamapolisa uMfuneko noNqoza. Kuthi kusakuphanza eli cebo ngenxa kaMapheza azame elinye abe ngaloo ndlela ungena nzulu kulwaphulomthetho.
- Ukufikeleleka kweefowuni kwidolophu yaseGcuwa kukhwezela kukwaqaqambisa isimo sesaphulimthetho kuThantaswa ngokuthi kwenze kubelula ukunxibelelana nooSixaki kunye noMfuneko baqulunqe ulwaphulomthetho.
- Ukubanomzi kukaMsindisi eVuli Valley eseGcuwa kukhwezelela uThantaswa kwisaphulimthetho kuba imenze uThantaswa akafuna ukuphulukana nokuhlala endaweni ephucukileyo ngokufuna ilifa likaMsindisi.

Ukusekwa kwebali kwimo ntlalo yedolophu yaseGcuwa kusikhwezele ngempumelelo isimo sesaphulimthetho kuThantaswa ngokusondeza bonke abantu nezixhobo ezizakumxhasa xa esenza ukungcola bokufuna ilifa likaMsindisi nokuba kumnyama entla ngokutyhoboza kulwaphulomthetho engabuyi ngamva wade wophula umthetho ngokubulala umxhasi wakhe uMfuneko naye siqu kuba kungasekho kubuya ngamva.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Kukunyolukela imali.√ /Kukubuyelana noMfuneko.√/Ukungayamkeli into kaMsindisi yokuceba isithembu kuba kungekho bantwana. √/ Ukungena emtshatweni ngeenjongo zokuzuza, engenaluthando. √/ Kukuthanda iindawo eziphezulu. √/ Ukungasifuni isithembu. √/ Ukungathethi nyani ngomntwana wakhe kuMsindisi.√/ Ukutshila ngesidanga sikaNompumelelo. √ (2)

7.2 Uyamyeka uThantaswa ahambe iveki yonke abuye ephethe izimuncumuncu zikaMsindisi.√/Ukhuthaza uThantaswa ukuba ade abhatale uSiphongo ngokubulala.√ Ukukhuthaza intombi yakhe ngokuthi athi akuqali ngaye ukukrexeza√ / Izisongelo azenzayo xa esiva ukuba uMsindisi uza kuthatha isithembu. √/Khange ambonise uThantaswa ngexesha engamxeli umntwana wakhe kuMsindisi. √/ Izinto ezingamkelekanga uzibona ngenye indlela. √ (2)

7.3 Intsingiselo yokuba kuza kufika abantu abaze kucela intombi. √√/Abantu bakwaYangaphi bazazokucela uThantaswa. √√
(Nayiphi kwezi) (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



X, N NWS PP

7.4 Lilishwa lokuba kanti uThantaswa uthanda imali ukodlula yena.√/Lilishwa lokuba uThantaswa angakwazi ukumzalela umntwana.√/Lilishwa lokubulawa kwakhe ngabantu abathengwe nguThantaswa.√/Lilishwa lokuhlala noThantaswa omana ukutakela uMfuneko√/ Ilishwa lokuzeka umntu obhenela etywaleni mhla enengxaki.√/ Ilishwa lokuzicuthela ubomi ngokutshata uThantaswa. √
(Nasiphi na isithathu nokuba sisuka kweliphi icala) (3)

7.5 Ithaveni kaMbuzeli incede izaphulimthetho zazifihla kuyo zakube zibulele uMsindisi/ Izaphulimthetho zithengise izinto zikaMsindisi kuyo.√√/Ithaveni kaMbuzeli incede uMfezeko wafumana ulwazi kuMbuzeli malunga nababulali bakaMsindisi.√√/Ithaveni kaMbuzeli incede uBhanqo yamqinisa wanesibindi sokukrobisa uMfezeko ngababulali bakaMsindisi.√√/Ababulali bakaMsindisi babanjwe besela kule thaveni kaMbuzeli.√√/Iwotshi kaMsindisi ibhaqwe nguMfezeko inxitywe nguMbuzeli kule thaveni yakhe.√√/Ababulali bakaMsindisi babhaqwe ukuba banemali kuba bebethenga utywala obuninzi kule thaveni kaMbuzeli.√√/Indawo ekuyo yenze ukuba ulwaphulomthetho luqulunqwe phaya. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)

7.6 Ubukho bomntwana kaMfuneko noThantaswa onguSandisiwe kubomi babo budala ukuba uMfuneko agqobhoze ade angene kwaMsindisi, uThantaswa atakele uMfuneko aphele uMsindisi eqina ukufuna isithembu saze isiphumo yaba kukugwintwa kukaMsindisi.√√/Ubukho bukaPhumlani kwenza ukuba uThantaswa adlange enze amacebo okufikelela ngokukhawuleza emalini kaMsindisi ngobuqhophololo atsho angquzulane nomthetho.√√/Ukungabikho komntwana kaMsindisi noThantaswa kudala usukuzwano ngesithembu olukhokelela ekufeni kukaMsindisi.√√/Ubukho bukaPhumlani kwiwili kaMsindisi budala ungquzulwano phakathi komthetho nolwaphulomthetho olumelewe nguMdlambila ngokwenza izenzo ezinxamnye nomthetho.√√/Ukungaphili komntwana wakhe kuzisa impixano yangaphandle phakathi kukaThantaswa noMsindisi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.7 Kwesi sicatshulwa unomsindo, kanti mhla wacelwa uThantaswa wayonwabile, enemincili.√√ (2)

7.8 Isigqebelo sidla ngokubalapho injongo ingahambelani nesiphumo. Ukukhetha ukufa kwakhe akuhambelani nenjongo yakhe yokuba kufe uMsindisi asale yena esitya ilifa likaMsindisi.√√/ Asisigqebelo kuba wayenethemba lobomi obungcono kodwa ngoku uyangcungcutheka.√√/ Ukufuna kwakhe ukufa emva kokuba efile uMsindisi kudiza ukungonwabi kanti iinjongo zakhe zokubulala uMsindisi yayikukonwaba√√/UThantaswa ebenqwenela/ ebengumqulunqi wokufa kwabanye abantu kodwa ngoku nguye ofuna ukufa. √√ (2)

7.9 Ukubulawa kukaMsindisi.√/Ukubiwa kwemipu esikhululweni samapolisa.√/ Ukutshintshwa kwewili kaMsindisi.√/Ukutyiswa kukaMfezeko ityhefu nguMfuneko noNqoza.√
(Nasiphi na isibini esichanekileyo) (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



X, N NWS PP

7.10 Ixesha lasebusuku lingumqondiso wobubi√ kuba uThantaswa isigqibo sokuzibulala usenza ngobusuku. √
(Nayiphi inkxaso echanekileyo) (2)

7.11 Ndiyangqina ukuba ukuzibulala akusosisombululo kuba akukho semthethweni√√/kuba ukufa kukaThantaswa akusombululanga nto koko kubesisohlwayo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.12 Lo mxholwana ubenefuthe elibi kuba ubuhlobo bukaThantaswa noMfuneko abukhange bunyaniseke√ bebujonge ukumsebenzisa uThantaswa ukufumana ilifa likaMsindisi.√/Lo mxholwana ubenefuthe elibi kuba ubuhlobo bukaNqoza noMfuneko√ bebujonge ukuphazamisa uphando malunga nokufa kukaMsindisi.√/Lo mxholwana ubenefuthe elibi kuba ubuhlobo obunganyanisekanga bukaThantaswa noMdlambila√ bebujonge ukusebenzisa igunya lakhe ukuze kutshintshwe ilifa likaMsindisi atsho afumane imali.√/ Lo mxholwana ubenefuthe elibi kuba ubuhlobo obunganyanisekanga buka uNompumelelo noThantaswa√ bebujonge ukufumana amacebiso kuye okubhungca kwityala lokubulala uMsindisi.√/kuba ubuhlotyana obungebubo phakathi kukaNqoza noMfuneko bube nefuthe lokuba baphelelwe ngumsebenzi.√/ kuba ubuhlotyana obungebubo phakathi kukaThantaswa noNozizwe buvele ngokuthi uNozizwe amshiye uThantaswa ngoku sele embona ukuba ukwimeko embi.√ (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

**[25]**

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-30 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iindawo eliqhubeke kuzo ibali lale noveli zikhwezele ubuqhawe kuThole. Umlinganiswa oliqhawe ngothi ekuqaleni kwebali abonakale enemingeni eminizi aze athi emva kwexesha abonakale eyoyisa loo mingeni esiba ngumntu ophumelelayo.

- Ukuzalelwa kwidolophu yakuCentane phakathi kwamaqaba kumenza ukuba naye akhule engumqiqibelana weqaba ade athiywe igama elinguTholelegqwirha, ukubonisa ukuba akulindelekanga nto kuye. UTholelegqwirha ligama esele limangalisa nabantwana besikolo saseZazulwana ukuba kanti ingaligama lomntu de kuthi kanti uchwenene womfundisi onje udlule kweli gama ukuze abengumfundisi, okanye umfundisi ophambi kwabo onguchwenene ukhe wanegama elinguTholelegqwirha njengokuba sele ebizwa uMangaliso nje.



X, N NWS PP

- Ubukho besikolo kwilali yaseZazulwana eGcuwa bumncede kwabonakala utshintsho ebomini bakhe ngokuba aqale isikolo naxa wayesele emdala. Kuxa afunda kwesi sikolo apho athi esengumbungu, abone umfundisi enqanda amakhwenkwe alwayo, atsalwe sisinxibo, atsalwe nalilizwi elithetha ngokuzola, elintama uxolo, atsho anqwenele ukubangumfundisi. Ngendlela abekwa ngayo amazwi awawathethayo avakala esisifungo asithabathayo. Ngamazwi athi, 'Nam ndakuba mdala ndiya kubanjengalo mntu.' Lilonke igalelo lelali yaseZazulwana kubufundisi bakhe alilibaleki. Esenguphunguphungu njalo, ugaleleka kwidolophana yaseGcuwa esuka eGoli, uhlangana noSonwabo noThemba edolophini eGcuwa bamthwebule ngobumnandi bobutsha, azibone sele eseBhayi. Indlela eya eBhayi neentshumayelo zikaThemba zivuselela isazela sakhe sesithembiso awasenzayo sobufundisi abhomboloze endaweni yokubonwabela utywala bakuxutywa neentshumayelo. Ekuziboneni sele eseBhayi wenza esinye isifungo sokuba akaphindi abufake emlonyeni wakhe utywala.

- Ubukho bedolophu yaseBhayi eyindawo ethi ngokumenza ixhoba likaJoe ngenxa kaNomsa kanti uza kutsho avuselele isifungo sakhe sokuba ngumfundisi awayesiqale esengumbungu. Ngoku anguphunguphungu usivuselela ngokufungela ukusebenzela iNkosi akulungelwa. Ulishiya iBhayi ngesifungo sokusebenzela iNkosi.
- Ubukho behlathi laseKnysna bubenegalelo elikhulu kuba uthi esendleleni egodukayo, ekhwele imoto acinga ukuba imsa eGcuwa ngokulukuhlwa nguThemba noSonwabo uzibona esiyakutshona kwihlathi laseKnysna engabhungisanga. Lona limmanya nobufundisi ngemibane ayibona kweli hlathi ngexesha kuqwengwa uThemba noSonwabo ziingonyama ejongile kanti naye uza kuzibona kufuneka ephephaphephile ukuzinqandela kwingonyama emfuna emqaleni. Iphupha lakhe esiwa asindiswe ngumfo othwele umnqwazi wameva lingumqondiso wokuba ukusinda kwakhe kuya kuba ziinceba zikaMdali. Ubukho beengonyama kweli hlathi bubonakalisa ukuba usinde ebubini nangona esithi akuphuma apho elambile abuye abhenele kwezingezozakwaThixo, uphunguphungu onguThole, uzenza igqirha. IKnysna izibonakalisa njengendawo apho kuye kwajika izinto kuba ethe ngokuzibona ephethwe ngamaphupha amabi wathatha elinye icala wade wathengisa ngemfuyo yakhe, wagoduka.
- Ubukho bekhaya lakhe bumnika umqobo oma phambi kwephupha lakhe lokuba ngumfundisi. Umqobo wokuba makangenele ukuba ngumninimzi afune umfazi ngabula Fikizolo, owayedlala indima yokuba nguyise. Uwuvuthulula lo mqobo ngokucela ukuphindela esikolweni ngemali ayisebenze eKnysna nangokuthengisa imfuyo abeselenayo ngexesha ebezenza igqirha. UFikizolo akamchili xa efika efuna ukubuyela esikolweni, uyamqhuba.
- Ubukho besikolo sakwaNokholeji bumhlanganisa noMfundisi Maqoma omququzelela, akhwezele ngokumzamela neebhasari zokufunda njengomfundi ophum'izandla, ahambisele amthumele eUFH, adlulele aye phesheya. Kwalapha umnika amathuba okusebenzela iNkosi ashumayele
- IRhawuti ebelikhe lambona eselula, ubuyela kulo limkhuphe sele engumfundisi ophum'izandla, sele esaziwa kulo lonke ngesakhono sokushumayela, ngobuchule ubuyisela ubunkonzo kubantu baseGeorge Goch ababesenza ukuba kungahlali mfundisi kwindawo yabo.
- Ubukho beGeorge Goch eyindawo angumfundisi kuyo bumhlanganisa noyise abengamazi kuba kuthe kanti watshiphayo. Ubuya eRhawutini sele ehamba noyise elikhaya elipheleleyo elinomfazi. Uyimbunguzulu engungcib'iintanda ecaweni

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01



X, N NWS PP

nasekhayeni akufika icawa iyema eGcuwa nakuCentane, nekhaya lakhe lime ngokunjalo.
Kungeso sizathu ukuthi iindawo azihambileyo zonke zibe nesandla ekubeni abe ngulo mfundisi anguye. Zimbi ngeemeko, nangenxa yabantu ahlangene nabo endleleni. Bambi bekufuneka azikhwebule kubo ukuze kulunge, bambi ahambe nabo endleleni ukuze ancedakale. Bonke bekwiindawo okanye bemele iindawo ezizise iimeko ezimqhubele ukuba athathe izigqibo ezithile. **[25]**

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!*** **– WK Tamsanqa**

9.1 Kukujika edolophini eGcuwa engayanga kufika kowabo eZazulwana.√/ Kukusela utywala.√/ Kukuya kuloNomsa.√/ Kukungakwazi ukuzikhwebula kuThemba noSonwabo.
(Nayiphi na kwezi) (2)

9.2 Basa uThole eBhayi engazi.√/Bamselisa utywala.√/
Bamkhwelisa imoto eya eKnysna uThole ngelithi iya eGcuwa.√
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

9.3 Avuselela intlungu ekuye kuba washiya ikhaya lakhe engaziwa apho akhoyo.√√ (2)

9.4 Lithamsanqa lokufumana umsebenzi kwaIrvin & Johnson.√/Lithamsanqa lokusinda kwiingonyama.√/Lithamsanqa lokuzenza igqirha atsho afumane imali yokubuyela esikolweni.√/Lithamsanqa lokufumana inkxasomali yokumfundisa.√/Lithamsanqa lokufumana inkxaso kuMfundisi uMaqoma.√/ Lithamsanqa lokufumana utata wakhe.√/Lithamsanqa lokufumana inkxaso kuThozama.√/ Wafumana isibonelelo sokuya kufunda eNgilani. √
(Nasiphi na isithathu esichanekileyo) (3)

9.5 Icawe imncede uThole ekuthatheni izigqibo zokulandela ikhondo lobufundisi ngokumnika igunya lokulawula iinkonzo ngelixa asesinaleni watsho wasabela ubizo lwakhe lokusebenzela uThixo.√√/Icawe imncede uThole ekuthatheni izigqibo zokuba ngumfundisi ngokumbeka watsho wanyanzeleka ukuba atshate uThozama.√√/Icawe imncede uThole ekuthatheni izigqibo zokuba ngumfundisi ngokumnika inkxasomali yokufundela ubufundisi watsho wazinikela ukuyokusebenza eGeorge Goch ebingafunwa ngabanye abafundisi.√√ (2)

9.6 Ubukho bomshumayeli wakwaSigxabhayi budale impixano yangaphakathi kuba uThole wabanovalo engazazi ukuba angene na kuloNomsa okanye angangeni.√√/Ubukho bomshumayeli waseKnysna budale impixano yangaphakathi kuThole kuba intshumayelo yakhe yonyana wolahleko yamenza wangqunga engazazi nokuba makangene na okanye angangeni ecaweni.√√ (2)

9.7 Kwesi sicatshulwa uTat' uMkwayi ubona kufanelekile ukuba agoduke akuba emfumene unyana wakhe kanti phambi kokuba azi ukuba uyaphila unyana



DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01

wakhe wayengayiboni into ayigodukelayo.√√ (2)

9.8 Isigqebelo sidla ngokubakho xa injongo ingahambelani nesiphumo. UThole eKnysna ebeligqirha elivumisayo kanti ngokwesi sicatshulwa uligqirha elinyanga imiphefumlo ngeentshumayelo.√√ (2)

9.9 Ukubethwa nguJoe neqela lakhe kuloNomsa eBhayi√/Ukusinda kwakhe kwingonyama eKnysna.√ (2)

9.10 Iphupha lingumqondiso wento eza kwenzeka√ kuba iphupha likaTat'uMkwayi noVuma libonisa ukuba baza kudibana noMangaliso atsho anyange iingxaki zabo zemiphefumlo.√ (2)

9.11 Ndiyangqina ukuba ukungabikho kukaThemba noSonwabo kubomi bukaThole kube sisisombululo kwimpumelelo kaThole kuba ubomi bakhe buye batshintsha wagqibela engumfundisi bakungabikho.√√/Ndiyangqina ukuba ukungabikho kukaThemba noSonwabo kubomi bukaThole kube sisisombululo kwimpumelelo kaThole kuba uphela edibana noyise.√√ (2)

9.12 Lo mxholwana ubenefuthe elibi kuba ubuhlobo obunganyanisekanga bukaThole, uThemba noSonwabo√ busekelwe ekulahlekisaneni bade baqwengwe ziingonyama uThemba noSonwabo asinde uThole.√/Lo mxholwana ubenefuthe elibi kuba ubuhlobo bukaThole noNomsa√ busekelwe kukunganyaniseki ade aphantse kubulawa uThole nguJoe.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

## *UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-30 ukuhlola lo mbuzo.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**
Iindawo eliqhubeke kuzo ibali lale noveli zikhwezele ubuqhawe kuMfazwe. Iqhawe liphumelela ebunzimeni. Alinqandwa yimingeni elihlangana nayo liphumelela selikhasa phantsi kweentshutshiso. Iindawo uMfazwe azihambayo ngokwale noveli ziindawo eziqulethe amahlandinyuka, amanzithinzithi nobunzima, amshiya ephumelela ngenxa yokubalushica entliziyweni.

- Ubukho bendawo yakwaQaka bukhwezelela ubuqhawe kuMfazwe ngokuthi, afundise abantwana ngamalungelo abo, uyabanjwa, uyazanywa ukuba abeyintlola abukulwe kuba kusithiwa uyimpimpi, sintshule isithole akwala ukubayimpimpi, uva ukuba abantu abathembileyo baziimpimpi, wenzelwa amayelenqe ngabantu abathembileyo nabekade ehamba nabo, uyangcikivwa ade atshiselwe nekhaya, alahlekelwe ngabazali, bafune ukumbulala kude kufuneke abhace.
- Uyabanjwa agityiselwe kwimoto yamapolisa enenja enoburhalarhume, afakwe egungxwe ngengxowa enika umchamo, amapolisa amhleke xa engqavulwa yinja asinde.
- Umzi kaMfundisi uHlathi uyindawo yakhe yokhuseleko kuba umsindisa kwisiqhushumbisi sepetula. Lo mzi uphinda ube lityholo lakhe lokumzimelisa xa eza kubulawa emngcwabeni kaMachule.
- Ijele yaseXerha imtyhilela ngobunyoka nenkohlakalo yamapolisa xa kude kufe uKK. Iingcinga zabantu abathandayo nabamjongileyo ngokungathi bayambona kodwa engenako ukufikelela kubo, ezingabantu abaxhomekeke ziyamthundeza kutsho kuphuhle obu buqhawe bakhe.
- Izinto ezothusayo aziva ngabantu abathembileyo kule jele zimenza alibone ukuba ilizwe asilola nkenenkene ooNtsipho noNdlela ukuba kanti kuhleliwe nje baziimpimpi, kodwa aqhube azimisele ukuba akanakuthengisa ngelizwe lakhe ngenxa yokuba efuna ubomi obutofotofo.
- Kwingxingongo akuyo yasejele ubhojwa ziingcinga neziyalo zikayise ezithi angabokulithatha ilizwe alibeke kuye esifubeni kuba liyakumxaka. Iingcinga ezingonina onxibe iimpahla zexhwele ebetha ngezikaTshiwo ethule emjongile, iingcinga ezingoZo othobe amehlo okomntu ozakubulisa. Umahluko osengqondweni yakhe ngeendawo zokuhlala zabamnyama nabamhlophe apho ezabamhlophe ziqhelezela zibe zixwebile ezabamnyama. Iingcinga ngabantwana besikolo abafundisayo beme ngasedongeni bengathi ziigusha ezinethileyo. Ezi ngcinga zimpha amandla nokuba angalahli ithemba azi ukuba banaye endleleni kwanesizathu sokuqhuba amane ezihlupha ngemeko egquba elizweni lakhe.
- Iholo lecawe kamfundisi uHlathi lityhilela uMfazwe ukuba uchilwa nangumfundisi uHlathi xa emhlasela ngobumpimpi ngenxa yefuthe likaFriday, kutsho kuye oku kuthethe ukuba utshelwe ngamahlathi. Uleqwa nangabantu nabantwana besikolo



X, N NWS PP

sakhe abaziyo bekholelwa ekubeni uyimpimpi. Akujongana nesigqibo sokugoduka ukhumbula ukuba akasenakhaya kanene.

- Ukubasesikhululweni sikaloliwe eNkwankca ehamba noNdima nalapho asinda ekubanjweni ngamapolisa abhungce apho ngokuthi amapolisa alibale kukuhleka ubufutshane bukaNdima aphele elibala ngomsebenzi wawo kuyamkhuthaza azibone eliqhawe elizakufika apho afunzele khona.
- Endleleni eya eSihlahleni usinda kwinyushu elele ngokuba kusuke kuvele inja ilwe nenyushu, kucace ukuba ibingavelanga le nja ngeyimtyile le nyushu. Oku kusinda kumnika ithemba ayibone indlela yakhe yonke ikhuselekile atsho aqhubeke nohambo lwakhe. Nalapha akaboni kubuya mva kuba akasenalo nekhaya.
- UkubaseMhlabiso kukaMfazwe kumzisela iindaba ezikhathazayo zokuba abazali bakhe babalekiselwe kumalume wakhe atsho oyike kuba abazali bakhe nabo basemngciphekweni ngokubasezandleni zikaNtsipho.
- Ufika kukaMfazwe kwaNkosi uZamlandela sele elindiwe, unikelwa umbhumbutho wemali xa ehamba esinga eMgazi. Le nkxaso ikhwezelele ubuqhawe bakhe nangokude akhutshelwe uNdima ukuba amkhaphe ukuya kukhwela uloliwe osingisa eThongo.
- Indlela eya eThongo imhlanganisa nomzingeli omlumkisa ngamarhamncwa endlela aza kuyihamba, aze amnike ingxowa enamayeza nezinye izinto zokumkhusela. Nangona emcebisa ukuba angayi kweli lizwe uyanyanzeleka aye phambili kuba akasenako ukujika engasenakhaya. Kwakule ndlela kude kufuphi nesikhululo saseThongo ukumisa kwakhe ngesiquphe uloliwe, uMfazwe agqibe kwelokuba makehle kanti ngokwenza njalo uyazisindisa. Uyibona yonke imiqobo esendleleni yakhe naxa kungekho lula ukuyitsiba ayimenzi afune ukubuya umva.
- Ukubasesikhululweni sebhasi eNgxingwa uMfazwe kuveza ubuqhawe ngokusinda cebetshu ekubanjweni ngamapolisa abemkhangela ngokusuka athi hlasi idyasi nomthwalo kwindoda enxilileyo. Amapolisa abamba le ndoda.
- ElaBathwa eliseMgazi liveza ubuqhawe kuMfazwe ngokuthi akuhlangana neemeko ngeemeko ezinobungozi eziquka ukufika ebizwa ngokuba uyintlola, anikezelwe kuSikhotsholo ukuba amenze le nto aqhele ukuyenza kwabanye, kube kumhla aqala ukuphatha umpu. Kwalapha uhlangana nabavukeli, udutyulwa emlenzeni, ubaliqhawe ngokuthi enzakele naye azibone sele exwaya ijoni elidutyulweyo elithe kanti lenzakele ngaphezu kwakhe aye nalo eMgazi. Konke oko kumenza avakalelwe engesenakubuya mva endleleni yakhe. Uyasinda nakwizigcayiseli zabavukeli.
- IMthontsi ukhwezelela ubuqhawe kuMfazwe kuba kulapho azibandakanya neqela lentsimb'ebomvu. Akukho lula nalapha kuba bebekhe bahlaselwe. Ukusinda kwinqwelo-ntaka yayiphefumla iintolo zomlilo kolo hlaselo lwaseMthontsi ekubeni kufe inyambalala yabantu kubukhwezelele ubuqhawe kuMfazwe. Usebenzisa ubukrelekrele ngokubalekela emqolombeni ukuze abe uyasinda kwimbubhiso. Ukulimala kwakhe emlenzeni atsho afumane igama elitsha lokuba nguSiqhwala kubukhwezelele ubuqhawe kuMfazwe kuba abanye abantu ebehamba nabo le ndlela baye babhubha endleleni. Bayaphumelela uSiqhwala neNtsimb'ebomvu ekulweni ingcinezelo yesininzi. UMfazwe uyonyulwa ukuya kumela uMzantsi Afrika kwizithebe zengxoxo eRhawutini. Kubuyelwa eMzantsi Afrika nguMfazwe nooSiphiwo sele efunde wayingqwayingqwayi yejaji beyifumene naloo nkululeko, ufika sele echophela ityala likaFriday lokubulalisa nokuthengisa ngegazi labantu abaMnyama.



DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

Kungeso sizathu ukuthi iindawo azihambileyo zonke zibe nesandla ekubeni abe leli qhawe alilo. Uzibona ekwezi ndawo ngenxa yeemeko, nangenxa yabantu ahlangene nabo endleleni okumkhuthaze watsho waba leli qhawe. **[25]**
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Kukukholelwa kubuxoki bokuba uNokuzola uthandana noFriday.√/ Kukungazifundi iileta zikaNokuzola waze walahla uNokuzola.√ (2)

11.2 Unika uMfazwe ukutya akumbona ukuba ulambile.√/Uchazela uMfazwe ngokutshiswa kwekhaya lakhe.√/Usindisa uMfazwe ngokumfihla ngexesha azungulwa ngooFriday kwakhe bezakumbulala.√
(Nasiphi isibini) (2)

11.3 Intsingiselo yokuba ixhegwazana lalikhohlakele.√√/Wayengumama ongqwabalala ongavumeli nokuba yintoni. √√ (2)

11.4 Lithamsanqa lokusinda ekubanjweni ngamapolisa nasekubulaweni.√/ Lithamsanqa lokusinda ekutyiweni ziinyoka.√/Lithamsanqa lokufumana amandla kumqwayito womzingeli nanjengoko wayengenanto yokutya.√/ Mhla kwakudutyulwana eMngazi zange afe. √√ (3)

11.5 Nangona amapolisa ebengawona azingela uMfazwe ibikwaziimpazamo zawo ezincedisayo ekubhungceni kwakhe ekubanjweni njengamhla alibala kukuhleka ubufutshane bukaNdima esithi nguhili aze akamqaphela uMfazwe√√/namhla amapolisa amkhwelisa engaqondi kanti ayamweza ngokumothula eThongo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

11.6 UFriday uyidale impixano ngokuthi abe yimpimpi waze waphixanisa uMfazwe nabantu bakwaQaka/waze wenza uMfazwe achilwe ngabantu bakwaQaka.√√ (2)

11.7 Kwesi sicatshulwa wonwabile kanti mhla watshiselwa ikhaya wayedakumbile.√√ (2)

11.8 Isigqebelo sidla ngokubakho xa injongo ingahambelani nesiphumo. UMfazwe utshikilela uNokuzola ngokungafundi iileta zakhe ecinga ukuba uthandana noFriday kanti ziileta angazifundanga ebeziphethe umyalezo wokuba uthwele umntwana kaMfazwe.√√/Ziileta ezimncede wayokukhangela uNokuzola ukuze afumanise ukuba wasweleka. √√ (2)

11.9 Ukubanjwa avalelwe ejele.√/Ukutshiselwa ikhaya lakhe.√/Ukunyamalala nokubulawa kwabazali bakhe.√/Ukusinda ezokuhlaselwa kwaMfundisi uHlathi.√/Ukusinda ezokubulawa ngooFriday kwatata'uGaba.√/Ukudutyulwa eMgazi.√/Ukusinda kwingozi yemoto.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

11.10 Izigcayiseli zingumqondiso wentshabalalo kuba ziyatshabalalisa √ kuba zazisetyenziswa ukutshabalalisa abantu nezakhiwo ngaxesha nye.√ (2)

11.11 Ndiyangqina ukuba ubumpimpi abuyisombululi ingcinezelo esiphantsi kwayo isizwe kuba uFriday owayeyimpimpi wajika watshutshiswa waze wagwetyelwa ukubulala nokubulalisa abantu.√√/ Ndiyangqina ukuba ubumpimpi abuyisombululi ingcinezelo esiphantsi kwayo isizwe kuba uFriday owayeyimpimpi nangona wayekhe wazuza kumaqithiqithi obumpimpi

APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



X, N NWS PP

wayengonwabanga.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.12 Lo mxholwana ube nefuthe elibi kuba abantu ababezenza amaqabane bengengawo abafana noFriday noNtsipho baphembelele umoya wokutshutshisana kwabantu phantsi kwegama lobuqabane.√√
Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-30 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo**
Ubuqhawe bucaca mhla kunzima ngokuthi ubani adele ubunzima obo nemiqobo ajongane nemingeni leyo.Uthi akuphumelela idabi elo esiza nesisombululo uye ubonwa njengeqhawe aze awongwe ngobuqhawe obo ngakumbi xa isisombululo siyinzuzo kuluntu lonke.

- Intsimi isetyenziswa njengendawo eqaqambisa ubuqhawe bukaFudwazana phakathi kwezinye izilwanyana ngokubukhwezela ngesehlo esenzekileyo kule ntsomi.
- Ezi zilwanyana zihlala ehlathini apho kulawula imithetho yasehlathini yokuphila ngokwamandla ezinawo nangokubhungca elutshabeni ngokweziphiwo ezinazo. UFudwazana ukhangeleka edelekile ukuba anganako ukumelana nemeko yasehlathini kodwa eli hlathi likwazile ukubukhwezela ubuqhawe bakhe ngokumdibanisa nezilwanyana ezaziwa zingcono kunaye.
- Kukule ntsimi ziyisebenza nzima apho ziqaphela ngomsi ukuba ukhona undonakele zitsho zicinge icebo lokuqonda lo ndonakele ukule intsimi yazo.
- Izilwanyana ezaziwa ngobungangamsha nobukrelekrele bazo uMvundla noMfene zithunyelwa kuqala nanjengoko zijongeka zingamelana nale meko ingaziwayo. Aphela amathemba xa zonke izilwanyana zibuya nembande yesikhova.
- Ubuqhawe kuFudwazana bukhwezeleka ngokuvuma angazideli ukuyokujongana notshaba oloyikwa zizilwanyana ezithenjiweyo nanjengoko zithunyelwe kuqala kunaye ngokuthenjwa.
- Le ntsimi ibukhwezele ubuqhawe kuFudwazana ngokuzisa izilwanyana ezinamandla nezikrelekrele ezinye zihamba nangamendu aphezulu ukodlula uFudwazana nathe wazibalula phakathi kwazo kwavela ubuqhawe bakhe ngokubulala utshaba obelusoyikwa zezinye izilwanyana ezihlonitshiweyo kunoFudwazana.
- Le ntsimi ibukhwezele ubuqhawe kuFudwazana ngokuzisa isilwanyana esilandele igama laso ngobukhulu uMaginy'iinyathi neempondo azokumosha intsimi

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE

yezilwanyana nothe uFudwazana akazidela waqubisana naso ekubeni ezinye izilwanyana zibuye umva.

- Obu buqhawe bukaFudwazana bumenze wahlonitshwa zezinye izilwanyana.
- Le ntsimi ibonakala njengeqonga apho kutyhileka ubugwala bezinye iinyamakazana ezithenjwe ngamandla nobukrelekrele kwaza kwaqaqanjiswa ubugorha bukaFudwazana owayedelekile kwezinye izilwanyana ngenxa yobuncinci ngokomzimba kunye nokwenza kade izinto.
- Kwisibongo 'Enkosi Steve Biko' indawo uMzantsi Afrika ebonwa yimbongi njengekhaya lethu sonke isetyenziswa ukukhwezela ubuqhawe kuSteve Biko.

- Le ndawo uMzantsi Afrika ibalasele ngocalucalulo kunye nengcinezelo yabantu abamnyama, iye yabukhwezela ubuqhawe kuSteve Biko xa ebezabalazela ukususa ucalucalulo kunye nengcinezelo kubantu abamnyama ukuze kuzuze isizwe sonke hayi yena nosapho lwakhe kuphela.
- Iinzame ezenziwe nguSteve Biko ukulwa ingcinezelo apha eMzantsi Afrika engummeli wabangafundanga, ekwangummeli wabahlolokazi kunye neenkedama zimbangela athathwe njengelona gorha elingasayi kuze lilibaleke kwimbali yengcinezelo yeli loMzantsi Afrika.
- Ligalelo lakhe lokusebenzisa ubulumko nobukrelekrele bengqondo ukusiphula neengcambu ingcinezelo kubantu abamnyama engayekanga ukubeka imfundo phambili eliye lamzisela intlonipho kuluntu lonke laseMzantsi Afrika. Yiyo loo nto imbongi imtyibela ingazange yambona njengoko isazi imisebenzi yakhe emihle, loo nto imenza abe liqhawe elingenakulibaleka.
- Iwonga alifumeneyo ngobu buqhawe nalapho iindawo ezininzi zibizwa ngaye kunye nokusoloko kubakho izikhumbuzo ngemini yakhe yokuzalwa kunye nemini awasweleka ngayo eswelekela ezandleni zabantu bengcinezelo nalapho waphela ephulukana nobomi bakhe.
- Imbongi ibona ingenakupheza ukumtyibela imbulela ngokuzenza idini lwabantu abaNtsundu ukuze kuzuzeke inkululeko, kufumaneke imfundo yasimahla kwimfundo esisiseko, imfundo ilingane kumntwana wonke kunye nezinye ezifana nokuvowutela urhulumente wabantu oza kufezekisa iimfuno zabantu.
- NguMzantsi Afrika obusaziwa ngocalucalulo ngokobuhlanga kunye nengcinezelo yabamnyama ebangele ukuba kuqaqambe abalweli benkululeko abafana nooSteve Biko ukuze ngokufa kwakhe kuxhamle isizwe sonke kuba iinjongo bezijolise kwisizwe soMzantsi Afrika hayi kuye nosapho lwakhe kuphela. Oku kubonisa ukuba ukuba uSteve Biko ebengeyiyo inzalelwane yaseMzantsi Afrika, ndawo leyo ebigquba ingcinezelo ngebungakhange buvele obu buqhawe bakhe, oku kubonisa ukuba ubuqhawe bakhe bukhwezelwe yindawo yaseMzantsi Afrika.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

## UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

13.1 Isikhukukazi sayokutyelela isihlobo saso ixesha elide nabantwana singabatyisanga.√/Isikhukukazi sakhangela isitshixo esilahlekileyo sokuvula emnyango ixesha elide wade waqhawuka umntwana yindlala.√ (2)

13.2 Uhlukana nesikhukukazi ngexesha sisentlungwini ngalo.√/Uwisa umyalelo wokuba ookhetshe baya kubatya abantwana beenkukhu kude kuvele isitshixo esilahlekileyo.√ (2)

13.3 Isikhukukazi sabhujelwa ngumntwana.√/Isikhukukazi salahlekelwa ngumyeni.√/Isikhukukazi sisaqhwaya sikhangela isitshixo nanamhlanje.√/ Ookhetshe bayakutya abantwana beenkukhu.√ (3)

13.4 Kule ntsomi uphindaphindo lugcina abaphulaphuli bemamele ngomdla wokuza kuqhubeka emva kokuba isikhukukazi sincokole ixesha elide nesihlobo saso.√√/Lubethelela intshukumo eyenzekayo entsomini.√√/ Luyenza intsomi ibemfutshane.√√/Lubonisa ukuba belilide ixesha abalithathileyo bencokola.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

13.5 Ndiyangqina kuba ukushiya kukakhetshe usapho lwakhe ngenxa yomsindo khange kumvuse umntwana obhubhileyo.√√/Ndiyangqina kuba ukushiya kukakhetshe usapho lwakhe khange kusiveze isitshixo esilahlekileyo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

13.6 Ukufa komntwana kuxabanisa ukhetshe nesikhukukazi, loo nto yadala inzondo engapheliyo phakathi kokhetshe nesikhukukazi.√√ (2)

13.7 Ndiyangqina kuba iimpawu zesikhukukazi xa siqhwaya emhlabeni siba ngathi sikhangela isitshixo esalahlekayo.√ Ukuxhwilwa kwamantshontsho eenkuku ngookhetshe iba ngathi kuzalisekiswa isiqalekiso sikakhetshe kwisikhukukazi.√ (2)

13.8 Umntu ngamnye wayezibona enamandla/enegunya lokuphatha engafuni kuphathwa ngomnye.√√ (2)

13.9 Bafika baphumla kule ntaba.√/Bema kule ntaba.√/Bahlala bakha imizi kule ntaba.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

13.10 'Ezi nkunzi'√ sityhila ukuba uGcaleka noRharhabe babenamava okuphatha, into edale ukungabikho kwemvisiswano.√ (2)

13.11 Wathi,'Madoda kudala sixhinkxa, kwanele'.√√ (2)

13.12 Yeyokuba xa uyinkokheli kufuneka ukhathalele unike iingcebiso malunga neendlela zokuphila ebantwini obakhokeleyo njengoRharhabe kuba wayibona intsokolo yabo yokungaphatheki kakuhle nguGcaleka waze wabafunela indawo amabame kuyo ebacebisa ukuba bakhe baphinde balime.√√/ Yeyokuba ngamanye amaxesha iinkokheli zijonga iziqu zazo njengoRharhabe owayeyinkokheli ezicingela yedwa kuba efuna ukuphatha ezulisa abantu ixesha elide bade badinwa bengenamizi bengalimi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



X, N NWS PP

**UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo**
Le drama isebenzise izenzo ezihle nezibi zabalinganiswa ukudlulisa umyalezo nemfundiso. Imenza umlinganiswa othile enze into ethile ukuze agaxeleke engozini/engxakini ukuze azibone iimpazamo zakhe okanye aveze ubuqhawe bakhe kutsho kuvele imfundiso ethile kwizenzo zakhe.

- **Izenzo ezifundisayo zikaZwilakhe njengenkulu yamaHlubi** Ekuqweqwediseni amaHlubi, uthi enqandwa angajiki kumkhuba ngabula Zweni, awubiza isiko, kuba yena eyinkulu uqweqwedisa amaHlubi ngesiko uZweni alibona lingumkhuba. Kwizenzo zikaZwilakhe sifunda ukuba xa uneenkani abantu bayakukhalala uhambe uye kuntlaleka njengoko ebesele ezisola ekupheleni kwebali.

  **Izenzo zikaZwilakhe azenze njengoyise kaGugulethu**
- Kwizenzo zakhe njengomzali sifunda ukuba ukuqweqwedisa umntwana kungakuphulukanisa naye naloo mntwana. UZwilakhe uphulukwa nguGugulethu mhla wamtshatisa ngebhaxa noThobeka. Ubuya amphuluke uGugulethu kuba esuka axhonywe ngenxa yesenzo sokubulala asenzileyo. Ngaphezulu koko uThobeka ngenxa yakhe ufa nesithathu sonke sabantwana, kuchaphazeleka ubomi babantu abangenatyala. NoMaGaba uphulukana nobomi kwangesi senzo. Yimfundiso engalibalekiyo eyobomi obungaka obulahleka ngenxa yonyanzeliso.
- **Izenzo zikaGugulethu** ongunyana kaZwilakhe, kwizenzo zakhe sifunda ukuba ukuthula ungayithethi into ekukhathazayo kungakulimaza emoyeni.
- UGugulethu usifundise ngesenzo sakhe sokungaqinisekisi ukuba abazali bamnika ithuba lokuvakalisa izimvo zakhe ukuba iziphumo zoko zinobungozi. Isiphumo sibe sesokuba yena buqu ugqibele engumbulali, elipolisa elaphula umthetho.
- Isenzo sakhe sokuya ecaweni ngemini yomtshato sifundisa ukuba xa umntu engayifuni into makangakhethi afune enye kanti enye ekwahamba nale akazokuyifuna kuba uye ungabonakali umahluko nemvakalelo yakhe ingacaci.
- Kubuya kubeke ubomi bukaNomaMpondomise esichengeni ngenxa yesenzo sikaGugulethu ocingayo angathethi. Ingxaki angena kuyo uGugulethu ibeka ubomi babantu abaninzi esichengeni nobakhe buqu.

Izenzo zabalinganiswa zisifundisa ukuba siqaphele kwaye siqiqe ukuba zingabachaphazela abo bakufutshane nathi. Zezi ngcinga ngabantu esibathandayo eziye ngamanye amaxesha zenze siqaphele ukuba izigqibo esizithathayo zingabeka abantu kwimo engathandekiyo ngenxa yazo. Kule drama kufe abantu abaninzi ngenxa yezenzo zabalinganiswa abathile.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***BUZANI KUBAWO*** **– WT Tamsanqa**

15.1 Mhla uGugulethu eyokubizwa nguZweni kuba efunwa ngamaHlubi.√/Mhla eseCaweni etshatiswa ngumfundisi kunye noThobeka.√/Mhla uGugulethu ethetha nosajini Baleni emva kokubulala uThobeka nabantwana.√/Mhla esenkundleni yamatyala ngenxa yokuba ebulele uThobeka nabantwana.√/ Ngexesha esenkundleni yamatyala emangalelwe nguNomaMpondomise.√/ Ngexesha ezokubizwa nguMzamo√/ Ngexesha lokufa kukaMzamo√/ Ngexesha ethwaxwa yimpixano yangaphakathi.√
(Nasiphi na isithathu kwezi.) (3)

15.2 Ukutolika intetho ethi 'ndijonge kuni', (a) UGugulethu ulinda ukuba aqale akhululelwe ngabazali bakhe ukuba makatshate.√ (b) uZwilakhe ukhethela uGugulethu umfazi amakamtshate.√ (2)

15.3 Kukuyalela uZwilakhe ukuba uGugulethu makade athathe umfazi ade amxelele ukuba akekho omnye umfazi ozazokurhuqisa amajelimani kwakhe ngaphandle kukaThobeka.√√/ Kukubophelela uZwilakhe ngamazwi okuba aze angazenzi ixoki. √√ (2)

15.4 Iposi√/Ileta√/Idolophu.√/ Imfundo. √
(Nasiphi na isibini) (2)

15.5 Kukukhutshwa kweenkomo zikaMcunukelwa√/ Kukungafuni kukaGugulethu ukutshata uThobeka√/ Kukuxabana kukaGugulethu nabazali bakhe.√/ Kukulahla imbo yakhe ngophoyiyana.√
(Nasiphi na isibini) (2)

15.6 Yimfundiso yokuba umntu makaphuhle ayiphalaze imbilini yakhe angafeli eqokobheni.√√/Yimfundiso yokuba umntu abokuzama angoyiswa engazamanga.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

15.7 Ukufa kukaNomaMpondomise√/ Ukutshipha kukaGugulethu√/ Ukufa kukaManyawuza.√/ Ukufa kukaMzamo.√/UThobeka ufumene abantwana abangengobakaGugulethu. √
(Nasiphi na isibini esichanekileyo) (2)

15.8 Sesokuba uNyaniso noMthetho bazi uGugulethu engazazi enomfazi onguThobeka.√√/ Isimo sengqondo sikaGugulethu asikulungelanga ukuxakekiswa ngoThobeka nabantwana abangengobakhe.√√/Kukuthunyelwa kukaThobeka kuGugulethu nabantwana abangengobakhe.√√/ Sesokuba uGugulethu ebengamthandi uThobeka. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

15.9 Ineempawu zempixano yangaphandle kuba kukho ukungaboni ngasonye phakathi kukaZwilakhe nabantakwabo malunga nokuthumela uThobeka nabantwana kuGugulethu eMthatha.√√/Ineempawu zempixano yangaphandle kuba ibonakala kwiintshwabulo zabo ezifana no'mkhulu umhadi azembela wona.'√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

15.10 UZwilakhe osekuqaleni kwedrama ukumele ukufunza uGugulethu ngentombi amakayitshate kwaye akeva kuboniswa aze uZwilakhe osekupheleni kwedrama azisole ngezenzo zakhe ade afune ukumhlawulela uGugulethu isigwebo sakhe.√√ (2)

15.11 Le ngxoxo isityhilela ukuba uZwilakhe ngumntu ongayicingeliyo indlela aziva ngayo uGugulethu√ malunga noThobeka nabantwana abangengobakhe ngokubathumela kuGugulethu eMthatha kodwa etshiphile nje ubaleka bona.√ (2)

15.12 Le drama iphumelele ukulumkisa abantu abaseneenjongo zokungazimeli ngokupheleleyo izimvo zabo kuba uThobeka ongazimelanga ngokupheleleyo izimvo zakhe sele ethetha nonina wagqibela etshatiselwa kuGugulethu ngenkani wagqibela elixhoba lokubulawa.√√/ Le drama iphumelele ukulumkisa abantu abaseneenjongo zokungazimeli ngokupheleleyo izimvo zabo ngokuthi uGugulethu ongazimelanga ngokupheleleyo izimvo zakhe kubazali bakhe agqibele etshatiswa noThobeka azibone sele engumbulali.√√

Ayiphumelelanga kuba uNomaMpondomise uthe sele ezimele izimvo zakhe wade wayokuma ezinkundleni kodwa akaphumelela.√√ Ayiphumelelanga kuba uZwilakhe ongazimelanga izimvo zakhe ukhe waxhamla kwiziphumo zexeshana zokumela izimvo aziphiwe nguMaGaba kuviwa ngaye ngamaHlubi.√√ Ayiphumelelanga kuba uGugulethu ongakhange abe nabundlobongela ekutshateni uThobeka wathobele abazali bakhe waya nasecaweni kodwa akatyikitya. √√
(Nayiphina impendulo echanekileyo)

(2)
**[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

## UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### *INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-30 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo**
Le drama isebenzise izenzo ezihle nezibi zabalinganiswa ukudlulisa umyalezo nemfundiso. Imenza umlinganiswa othile enze into ethile ukuze agaxeleke engozini/ engxakini ukuze azibone iimpazamo zakhe okanye aveze ubuqhawe bakhe kutsho kuvele imfundiso ethile kwizenzo zakhe.

- **Isenzo sikaMaGatyeni** sokumana ecela ukutya kuMamQhinebe sifundisa ukuba xa udinga into kungcono uzithobe ufune uncedo kwabo banakho ukukunceda. UMaGatyeni uthe gqolo ecela into etyiwayo kwaMamQhinebe kuba imeko yakhe yendlala ithe kratya kuneyikaMamQhinebe ngenxa yowalakahla lwabantwana anabo abe okaMamQhinebe emnye. Uhamba indlela enye noMamQhinebe kule drama ngokulawulwa ziimeko zemizi yabo ethwaxwa yindlala ngenxa yokushiywa ngamadoda besebancinci. Ngenxa yale meko yakhe imandundu unkinkqa kwaMamQhinebe umhla nezolo afumane into etyiwayo ukuze alale etyile neentsana zakhe.
- Esi senzo sikaMaGatyeni sokuxhomekeka kuMamQhinebe sifundisa ukungaxhomekeki gqitha kumntu omnye ngengxaki okuyo nawe zizamele ukuze ungaziboni ulixhoba lakhe, ngokuthi akusebenzise ukufezekisa izidingo zakhe. Inzame yakhe yokulala edlile nabantwana bakhe imenze walixhoba likaMamQhinebe xa afuna ukuba amncedise ukuba iintsana ukuze bafumane imali. Uvuma nzima kulo mkhwa kuba engakwazi ukubuyisa oko akutyala uMamQhinebe eqonda kananjalo ukuba akungavumi uya kuthwaxwa mpela yindlala. Uzibona esengxakini uMaGatyeni aqonde ukuba undlela lula kukuwa emgibeni ambekela wona uMamQhinebe ngokuvuma ukuba intsana.
- Isazela sikaMaGatyeni sokubangoomama bebhatyi xa besiba aba bantwana kufundisa ukuba inkolo yomntu iye ivavanywe abonakale elukuhleka ekwenzeni ububi kube ngumqondiso wokholo olungaqinanga. Oku kubonakala xa uMaGatyeni aveza indima yabo enkonzweni uMamQhinebe amphendula ngelithi abazukutya iibhatyi kwaye kudala bethandaza bengaboniswa nto. Ukuzinikela kukaMaGatyeni enkonzweni akuxhomekekanga kuMamQhinebe kodwa ubona ngathi ufanele axhomekeke kuMamQhinebe ngokungavakalelwa sisenzo sokuba iintsana bengoomama bebhatyi. Ude athi uMamQhinebe le nkohlakalo bayezayo bazakuyigqumа ngezi bhatyi zabo into ethetha ukuba abazokucingeleka lula ukuba ngabo aba benza le nkohlakalo.
- Kwisenzo sikaMaGatyeni sokuba iintsana de babanjwe kungafundisa ukuba kungasetyenziswa indlela engeyiyo ukusombulula ingxaki okuyo kungakongezela iingxaki ezininzi. Okwesibini ukungakwazi ukuzithathela izigqibo ezizizo kukufaka engxakini.



DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
EXAMINATION

- Ukumpola nokumphika ukumazi uMamQhinebe akubona amapolisa xa babanjelwa ukuba iintsana kungafundisa ukulumkela abantu abangenamqolo xa usenza izinto nabo kuba baya kuze bakuphike ngomhla ngengxaki.
- **Isenzo sikaSiqhiwu** sokuxambulisana nomama wakhe uMamQhinebe xa afuna ukuba anyobele umsebenzi kufundisa ukuba ungumntwana akunyanzelekanga ukwenza ulwaphulomthetho kuba ingumzali wakho okanye umntu omdala okuyalela njalo.
- Izenzo zikaSiqhiwu zokubambisa uMaqhikizane onyobisa ngomsebenzi karhulumente ziveza iqhawe elilwa nobuqhophololo kwaye zisinika isifundo sokuba nokuba uhlupheke kangakanani na sukuwa emgibeni wolwaphulomthetho, sukufumana impumelelo ngondlelamnyama kwaye ungathuli ubona izenzo zolwaphulomthetho ikhona ingalo yomthetho. Yixele yonke imeko yenkohlakalo ohlangana nayo ukuze kusinde abantu abaninzi. Yimele into engalunganga ungazideleli kuba ungenanto okanye usithi ungumntwana.
- Isenzo sikaSiqhiwu sokunyanzela uSiphokazi ukuba ahlukane noMaqhikizane abe kwicala lakhe ukuze abanjwe kusisifundo sokuba umhlobo wokwenene ngulowo ungakuqhwabeli zandla xa usenza okubi.
- Isenzo sikaSiqhiwu sokutyhudisela ukuthetha ngqo noKheneli Sibane xa anqandwa nguSithonga kwisikhululo samapolisa eMthatha kusisifundo sokuba ungavumeli imiqobo ikutyhafise endleleni xa umele okuhle, qina uya kusoloko uphumelela.

Izenzo zabalinganiswa zisifundisa ukuba siqaphele kwaye siqiqe ukuba zingabachaphazela njani abo bakufutshane nathi nabo singazalaniyo nabo. Zezi ngcinga ngabantu esibathandayo eziye ngamanye amaxesha zenze siqaphele ukuba izigqibo esizithathayo bangaphi na abantu abangaba kwimo engathandekiyo ngenxa yazo kuba kule drama iintsapho ezininzi zibelwe iintsana, abantwana abagqibileyo ukufunda basokola imisebenzi kuba bengenamali yokunyoba, abasafuna umsebenzi batsho baqeshwa. Konke oku kwenzeka ngenxa yezenzo zabalinganiswa abathile.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INDLAL'INAMANYALA – M Lamati**

17.1 Mhla uSiphokazi efuna ukuwa kwisicelo sikaMaqhikizane kuba efuna umsebenzi.√/Mhla uSiqhiwu ekhuza uSiphokazi ngokuvuma ixhego uMaqhikizane ngenxa yemali.√/Mhla uMaGatyeni ezibona ekwinyula yokubanjwa ngenxa yokuba iintsana elukuhlwa nguMamQhinebe.√ (3)

17.2 (a) UMagrazula usombulula indlala yooMamQhinebe ngokuthi abasebenzise ukuzityebisa/(b) uSiqhiwu usombulula imeko yakhe yendlala ngokulwela bonke abadinga umsebenzi.√√ (2)

17.3 Unqande uSiphokazi esakuthandana noMaqhikizane wamkhumbuza ngoSirhezu omthengele ongayiwayo wona umsesane wegolide.√√ (2)

17.4 Iintetho zesiLungu√/Inkundla yamatyala√/Isikhululo samapolisa√/
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

17.5 Kukubambisa uMaqhikizane√/Kukuncedisa ukuba uSiphokazi afumane umsebenzi.√/Kukusindisa umtshato kaSiphokazi noSirhezu.√/Kukusindisa uSiphokazi ekuxhatshazweni nguMaqhikizane.√
(Nasiphi na isibini) (2)



DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
MARKING GUIDELINE

17.6 Yimfundiso yokuba xa usesikhundleni esiphezulu sukusisebenzisa gwenxa isikhundla sakho kuba uza kubanjwa njengoMaqhikizane obenyobisa abantu waze wabanjwa.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

17.7 Kukubiwa kosana lomfazi wakwaLink.√/Kukubiwa kosana lukaNomakula lwakhala lwazidiza kumapolisa baze babanjwa.√/ Ukubanjwa kukaMaGatyeni noMamQhinebe ngamapolisa. √ (2)

17.8 Sesokuba abantu abangoomama abakrokreleki xa bebeleke iintsana.√√ (2)

17.9 Zivela ekubeni uMamQhinebe abonakale ebethabethana izimvo kuba uyayifuna imali kodwa akanampendulo ngemvelaphi yemali eninzi ebantwaneni babo.√√ (2)

17.10 UMamQhinebe osekuqaleni kwale drama wonwabile unemibono yemali eninzi azakuba nayo kanti uMamQhinebe osesiphelweni sedrama udakumbile kuba uyabanjwa.√√ (2)

17.11 Le ngxoxo imtyhila uMamQhinebe njengomlukuhli okrelekrele√ kuba ukwazile ukumlukuhla uMaGatyeni ngokuba iintsana ngokuza namacebo amabawenze ukuze bangabhaqwa.√/Le ngxoxo isityhilela ukuba uMamQhinebe ungumntu onovelwano ngoMaGatyeni √kuba akafuni kumshiya esokola ngokumkhuthaza emncoma emothulela umnqwazi ngokukhawuleza abenesisombululo sengxaki abanayo.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

17.12 Le drama iphumelele ukulumkisa abantu abaneenjongo zokulahlekisa abantu abahluphekayo kuba uMamQhinebe noMaqhikizane bohlwayiwe.√√/Le drama ayiphumelelanga kuba asiva kusithiwa uMagrazula wohlwayiwe.√√/Le drama ayiphumelelanga kuba abalahlekisi babantu abahluphekayo bakhe baxhamla kwizenzo zabo.√√. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

## ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

### ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | 5–6<br>-Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | 4<br>-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | 3<br>-Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | 2<br>-Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | 0–1<br>-Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke-konke nesimbo esingachanekanga |
| **AMANQAKU** | 4 | 3 | 2 | 1 | 0–1 |

**QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0 kumxholo nakwisakhiwo nolwimi.**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI – INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14-15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke-konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA: Makungabikho kwahluka kudlula kwisibini samabakala phakathi kwamanqaku wesakhiwo nolwimi kunye nawomxholo. Ukuba umviwa ubhale isincoko sephepha lesithathu mnike u-0 kumxholo no-0 kulwimi nesakhiwo.**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2022 -12- 01
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION